



Wes-Kaapse Proviniale Parlement

Western Cape Provincial Parliament

IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

USOMLOMO

UXWEBHU LWEMIBA 17

UPHENGULULO 1, 5 JULAYI 2016

USomlomo ligosa lolawulo eliyintloko lezopolitiko kwiPalamente yePhondo. USomlomo sisithethi seNdlu, uchophela iintlanganiso zayo kwaye "nguMphathiswa" wayo ngokumayelana neenkonzo zenkxaso zayo. USomlomo uxhaswa aze ancediswe nguSekela Somlomo owonyuliwyo.

USomlomo wonyulwa yiNdlu kwaye angasuswa eofisini yiNdlu. USomlomo ufumana amagunya akhe kwiNdlu anika iinkcaza kuyo.

Ekumeleni iNdlu, uSomlomo umele onke aMalungu; lawo aseburhulumenteni nalawo akumaqela aphikisayo. USomlomo kwakhona akanaxanduva lwasigqeba kwaye kufuneka agcine ukuzimela kwePalamente yePhondo ngakuso. Xa echophele iintlanganiso zeNdlu, uSomlomo makaqinisekise ukuba zonke iinkqubo ziqhube ngokuhambelana neMithetho eSisigxina, isenzo kune nomzekelo.

USomlomo utolika imithetho nemiyalelo aze anike izigwebo xa kuyimfuneko. Xa iNdlu ingenwa kukungalawuleki, uSomlomo makagcine ucwangco. Kukho amagunya ahlukaneyo oluleko abekwe kwiMithetho anokusetyenziswa nguSomlomo ekugcineni ucwangco.

USomlomo akuqhelekanga ukuba athabathe inxaxheba kwingxoxo-mpikiswano kwaye akavoti ngaphandleni kokuba kukho ulingano kweevoti aphi uSomlomo enikezelala ngevoti eyahlulayo.

AMalungu anelungelo lokulindela ukungathabathi icala kuSomlomo ngawo onke amaxesha kuba uSomlomo unelungelo lenkxaso ephuma kuwo onke aMalungu kungakhathaliseki amaqela angamalungu awo.

USomlomo unoxanduva lokuggibela lolawulo lwePalamente. Uchophela iKomiti yeMithetho eyalela igunya lolawulo lwePalamente.

Naninina uSomlomo engekho okanye mhlawumbi engakwazi ukuqhube imisebenzi ye-ofisi kaSomlomo, okanye naninina la ofisi ingenabani, uSekela Somlomo ubamba njengoSomlomo.